basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/
NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

CANZIBE/SILIMELA 2026

AMANQAKU: 80

IXESHA: Iiyure 2½

Olu viwo lunamaphepha angama-29.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olusekelwe ukufundwa kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

ICANDELO A:	ISihobe	(30)
ICANDELO B:	INoveli/Uncwadi Lwemveli	(25)
ICANDELO C:	IDrama	(25)

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA)

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO ubemNYE NOMFUTSHANE ubemNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

- Umbuzo osisincoko weSihobe kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama ali-190–240.
- Umbuzo osisincoko weNoveli/Uncwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama angama-340–390.
- Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Kulindeleke ukuba uphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO NGALINYE kulindeleke ukuba ilandelwe ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ITHEYIBHILE YESIQULATHO

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

ICANDELO A: ISIHOBE **Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.**			
INANI LOMBUZO	**UMBUZO**	**AMANQAKU**	**INOMBOLO YEPHEPHA**
1. 'Imfecane'	Umbuzo osisincoko soncwadi	10	6
2. 'Amanqaku'	Umbuzo omfutshane	10	8
3. 'UWG Bennie'	Umbuzo omfutshane	10	9
4. 'Okuhle'	Umbuzo omfutshane	10	10
KUNYE **Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile**			
5. 'Ukuntyiloza kweentaka'	Umbuzo omfutshane	10	11
QAPHELA: Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.			
ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI **Phendula umbuzo OMNYE.***			
6. *Inkawu idliw' ilila*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	12
7. *Inkawu idliw' ilila*	Umbuzo omfutshane	25	12
8. *Nyana Wam! Nyana Wam!*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	15
9. *Nyana Wam! Nyana Wam!*	Umbuzo omfutshane	25	15
10. *Ukhozi Olumaphiko*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	18
11. *Ukhozi Olumaphiko*	Umbuzo omfutshane	25	18
OKANYE			
12. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	21
13. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli*	Umbuzo omfutshane	25	21
ICANDELO C: IDRAMA **Phendula umbuzo OMNYE.***			
14. *Buzani Kubawo*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	24
15. *Buzani Kubawo*	Umbuzo omfutshane	25	24
16. *Indlal' Inamanyala*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	27
17. *Indlal' Inamanyala*	Umbuzo omfutshane	25	27

***QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI ezizincoko okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

ITSHEKHLISTI

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

ICANDELO	**AMANANI EMIBUZO**	**INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO**	**TIKISHA NGASEZANTSI (✓)**
A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo/ emiselweyo)	1–4	2	
KUNYE			
A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga/ ongamiselwanga)	5	1	
B: INoveli **OKANYE** Uncwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane)	6–13	1	
C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane)	14–17	1	
QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.			

ICANDELO A: ISIHOBE

IMIHOBE YESIXHOSA – B Ngombane

IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Ulindeleke ukuba uphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo OMNYE wombongo okanye isibongo esingafundiswanga.

QAPHELA: Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

Funda isicatshulwa sombongo esingezantsi, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

IMFECANE – JJR Jolobe

Isizwe sasilawulwa ngumhlekazi uHintsa
Omaphiko abanzi ukufihla iindwayi.
Akananza bumbacu, akoyika vukelo.
Waluphatha ngofefe ngemini yophanziso
Uhlanga lwasemzini kumasang' akowabo.

Wakhuph' isimemezo banqonywe ozinkomo,
Bakhongozwe inkinkqa, kuzekw' iintombi zabo
Kudaleke ubunye; baphathwe nangobuntu
Ngesiko lakwaXhosa, baphumla abahambi.
Malibongwe iTshawe ukuzenza igwiba.

Bethwelwe ngamaphiko oMdali njengokhozi,
Abatshabalalanga kwintlango yokubhaca.
Labasul' iinyembezi, bathob' izibilini,
Bazuz' intuthuzelo kwiinkxwaleko zendlela;
Bahluma elizweni bengabaphambukeli.

Akuhamb' amaxesha bambi bawel' iNciba,
Bamisa iminquba kwimiqwashu yeNgqushwa,
Izwe lezithembiso zokuthobel' ulawulo,
Kuhlonelwe iLizwi, kufundiswe iintsapho,
Isiseko esitsha sesizw' esiyinqobo.

21	Wabathath' u-Elefu bambi bem' eNxukhwebe
22	Bamkelwe nguMaqoma, umalathisi mthombo
23	Ungazang' uvale, kanti kukudaleka
24	Komthombo ongatshiyo wamanzi alulwazi
25	Kubantwana besizwe kus' emaphakadeni.

Tyhila ngesigama ukuba zaphathwa ngofefe iimbacu zakufika kwankosi uHintsa ngokwesicatshulwa sombongo.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240. **[10]**

UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda umbongo ongezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

AMANQAKU – ZS Qangule

1 Ulwazi lufukame ubudenge,
2 Ubudenge yitrone yobulumko.
3 Iinyembezi ngumthombo wenkathalo,
4 Inkathalo ihlanjwa ziinyembezi.
5 Intiyo iphuphuma luthando,
6 Uthando liyeza lentiyo.
7 Ukhula lutshaba lwesivuno,
8 Isivuno sondliwa lukhula.
9 Ukholo lulwandle lweenkolo,
10 Iinkolo sisifingo seentolo.
11 Impilo yambethe ukufa,
12 Ukufa yileli yobomi.
13 Ukuba oku uyakwamkela,
14 Ilizwe ngoko lokwamkela.

2.1 Chonga kwikwatreni yoku-1 umqolo othetha ukuba ubulumko buvela ebudengeni. (1)

2.2 Chaza uncedo lweenyembezi kwinkathalo ngokomqolo wesi-4. (2)

2.3 Khankanya into edinga enye kwikwatreni yesi-2:

2.3.1 Ngokomqolo wesi-6 (1)

2.3.2 Ngokomqolo wesi-8 (1)

2.4 Ngqina ukuba umqolo we-12 unesigama esiqaqambisa ukulunga kokufa. (2)

2.5 Xela igama ebizwa ngalo imiqolo emibini enengcinga enye kumbongo. (1)

2.6 Nika umyalezo odluliswa yimiqolo emibini owe-13 nowe-14. (2)
[10]

UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda umbongo ongezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

UWG BENNIE – SEK Mqhayi
'Konke akwenzayo wokuphumelelisa' (Ndum 1:3)

ULusingasinga ngumdaka kaBhene,-
Uvelel' iimbombo zomhlaba;
Uyise wentetho kaXhosa,-
Enqunq' amabatha namakhwiniba;
Angangqin' okaCingo nokaNdawo;
Amathol' aseMpumalanga.
Buza kokaMbangeni;
Amathol' aseNtshonalanga.

Bayalaz' ithole lomJingqi,-
lint' ezingabuyi ngamv' edabini.
Umagwaza ngemfund' eluhlangeni,
Avike ngengweletshetshe yevangeli.
Goduka nto kaBhen' ufezile,

Wagqiba woyisa kwancameka;
Lusingasinga lujong' awophayo,
Lubophe ngoMathunga waseGiliyadi,
Arhashaz' amathamb' ezihlanjeni,-
Libuyel' ithambo kwithambo lalo.
Hamba mfo kabawo!
Njengel' enkulu yakwaThixo!
Ncincilili!!! Bham-Dovalele!!!

3.1 Chonga kwisitanza soku-1 umqolo othetha ukuba uBennie uyintshatsheli yesiXhosa. (1)

3.2 Chaza uncedo lukaBennie ekuphuhliseni ulwimi lwesiXhosa ngokomqolo wesi-4. (2)

3.3 Khankanya kwisitanza soku-1 umntu onokungqina ngomsebenzi kaBennie ngokwezi ndawo zingezantsi:

3.3.1 eMpumalanga (1)

3.3.2 eNtshonalanga (1)

3.4 Ngqina ukuba isitanza sesi-2 sinesigama esincoma imisebenzi kaBennie. (2)

3.5 Xela igama ebizwa ngalo imiqolo esi-8 enengcinga enye kumbongo. (1)

3.6 Nika umyalezo odluliswa yimiqolo emibini owe-18 nowe-19. (2)
[10]

UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda umbongo ongezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

OKUHLE – ZS Qangule

Yakhula inkwenkwe yabheka esikolweni,
Izithanda iincwadi ingenzi nomolweni.
Yayisingcutha isiLungu ingaqheliseli,
wadlakaza amanani njengesiNgesi.

Yazixaka iititshala zaphoselana ngayo,
Kwakuthi khinxi kukhululwe ngezayo.
Yaba yiminyakana idudulela phambili,
Bothuka bonke bajonga phambili.

Kwancipha ubuhlanti kwasala zambini,
Waphela umzi yavungama ilali.
Yaba mbalwana yabhavumlela kude,
Wathi umntu uncamile ifuzile kakade.

Yaphela imfuyo kwaxhathiswa ngehagu,
Yabila ingqondo yona okweyegagu.
Lancama ixhego lathi liyazinikela,
Likhusela ikhehlekazi evasini lizincamela.

Labuya litaka izimanga lakukhohlela,
Nakwikhehlekazi kukubi lizitotobela.
Naxa kunjalo bathi kumele agqibe,
Wasebenza naye wabhitya nemilebe.

Qondo le-B.A. walixway' emhlana,
Ngqondo yakhe zange izigwagwise.
Lachach' ixhego nexhegwazana,
Khanyisa mzi babone kudana.

4.1 Chonga kwisitanza soku-1 umqolo othetha ukuba inkwenkwe yayizinikele ezincwadini. (1)

4.2 Chaza uncedo lwenkwenkwe esikolweni ngokomqolo wesi-6. (2)

4.3 Khankanya isiphumo sokuncipha kwemfuyo ngokubhekiselele:

4.3.1 Kwinkwenkwe ngokwesitanza sesi-3 (1)

4.3.2 Kwixhego ngokwesitanza sesi-4 (1)

4.4 Ngqina ukuba umqolo wama-20 unesigama esincoma ukusebenza kwenkwenkwe. (2)

4.5 Xela igama ebizwa ngalo imiqolo emiNe enengcinga enye kumbongo. (1)

4.6 Nika umyalezo odluliswa sisitanza sesi-6. (2)
[10]

KUNYE

UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)

UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda umbongo ongezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

UKUNTYILOZA KWEENTAKA – SE Landau

1 Zenz'imbali yomculo
2 Owazalwa kunye nendalo,
3 Wazalwa kunye nengqondo,
4 Ukuz'uhlwabis' ingqondo.

5 Kud' ezindle phaya,
6 **Kuthi** ncothu ezicithini,
7 **Kuthi** walala kwimithikazi,
8 Imivotyo-votyo nemiphaphazelo.

9 Ukukhenkceza kwalo mazwi,
10 Ukutsholoza nokungqungqa kwazo,
11 Imilonji engaphelelwa zwi,
12 Imilonji eyaginya izembe.

13 Kokwazo ukwamkel'ihlobo,
14 Zibulelel' ihlabathi kuMdali,
15 Zikhupha owepiyano kuphela,
16 Owona mculo kumatshantliziyo.

17 Ukuvuma okungapheleki kuziqhelanisa,
18 Okwadalwa nazo iintaka,
19 Okwenziwa kwathi gqibi,
20 Kwalushica kwiinguqu zeenkulungwane!!!

5.1 Xela okwenziwa ziintaka ngokwesitanza soku-1. (1)

5.2 Khankanya zibeMBINI iindawo ezihlala kuzo endle iintaka ngokwesitanza sesi-2. (2)

5.3 Xela uhlobo lophindaphindo oluphawulwe ngqindilili kulo mbongo. (1)

5.4 Nika umfanekiso ngqondweni odaleka ngumqolo we-9. Xhasa impendulo yakho. (2)

5.5 Khankanya zibeMBINI iindlela oqaqanjiswe ngazo umculo weentaka kwisitanza sesi-4. (2)

5.6 Nika imfundiso yesitanza sokugqibela. (2)
[10]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezintathu noNcwadi Lwemveli.
- Khetha imibuzo kwiNoveli oyifundisiweyo okanye kuNcwadi Lwemveli.
- KwiNoveli ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE nakuNcwadi Lwemveli, ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-13.
- Khetha umbuzo ubemNYE uwuphendule.

QAPHELA: Xa ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwidrama).

INOVELI

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE).

UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

'Yena noMfuneko Mnenga bebeyinyoka nesele.'

Xhasa uluvo lombalisi oluthi uMapheza noMfuneko abavani.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

'Umkhondo ndawulandela ndaza kuthi ngqu kuye. Ndathi xa sendiza kumfaka iintsimbi ndabuye ndajika. Kaloku ndathi sendilele ngenye imini, ndafumana ifowuni eyayivela egqwetheni lakhe lisithi licela ukundibona, kanti lifuna sisayine i-*deal*.'
'I-*deal* yantoni?' wabuza ngobungxamo uThantaswa.
'Yokuthengisa ityala.' 5
'Njani?'
'Thantaswa, ityala lomntu oswelekileyo alifani netyala lomntu okwaziyo ukuzithethelela. Ngokuvalela kwam uNompumelelo ejele kwakungayi kundinceda ntweni mna ndinguMfuneko ngaphandle konconywa nokubulelwa nje ngomlomo ziziphathamandla.'

'Kananjalo, ukuvalela uNompumelelo entolongweni kwakungayi kuvusa umyeni wakhe. Yiyo loo nto ke ndakhetha indlela enemali, wabe uyasinda ngaloo ndlela ekubhantinteni uNompumelelo,' watsho eyithi tyaa kule ndawo ingxelo yakhe uMfuneko. UThantaswa wathula ithutyana, emva koko wavakala ebizela umphefumlo. Emva kokuba ewukhuphile wancwina ngesingqala. 'Mh! Badla ubomi ooNompumelelo.'
'Masihambe ngoku uza kude ukrotyelwe nangumyeni wakho,' watsho uMfuneko emjongile. Akazange aphendule uThantaswa, wasuka wajonga phantsi okomntu osezingcingeni ezinzulu. 'Thanti, ndithi masihambe,' watsho emshukumisa apha egxalabeni uMfuneko. 'Mfuneko, okokoko ndabuyelana nawe asizange silifumane ithuba elaneleyo. Ndicinga ukuba sisele sisebenzisa eli thuba sizonwabele kule hotele ubusuku bonke ukuze sifumane nexesha elaneleyo lokuxoxa ngalo mba sendiwuchaphazele. Nam ndifuna ukuba sisayine isivumelwano sethu ngobu busuku banamhlanje,' watsho efixeke emphefumlweni uThantaswa.
'Ayinakulunga into yokulala ngaphandle Thantaswa, ...'

7.1 Xela unobangela wokuba uMfuneko alungele ukufaka uNompumelelo iintsimbi ngokwesicatshulwa. (2)

7.2 Tyhila inkolelo anayo uMfuneko evela kumazwi akhe angezantsi.

'... ityala lomntu oswelekileyo alifani netyala lomntu okwaziyo ukuzithethelela. Ngokuvalela kwam uNompumelelo ejele kwakungayi kundinceda ntweni mna ndinguMfuneko ngaphandle konconywa nokubulelwa ...' (1)

7.3 Khankanya isaphulimthetho esikwesi sicatshulwa esisebenzisene noMfuneko:

7.3.1 Esingumntu womthetho (1)

7.3.2 Nesenzo saso (1)

7.4 Xhasa ngokukwisicatshulwa ukuba uMfuneko ukhetha ukubanemali kunokulwa ulwaphulomthetho. (2)

7.5 Chaza isenzo sikaThantaswa akrobisa kuso amazwi akhe angezantsi.

'Nam ndifuna ukuba sisayine isivumelwano sethu ngobu busuku banamhlanje.' (2)

7.6 Tyhila impixano ephakathi komthetho nolwaphulomthetho kweli bali. (2)

7.7 Ngqina ngesenzo sikaThantaswa esikwisicatshulwa ukuba uthabathekile yinkcaza ayinikwa nguMfuneko yokudukisa ityala likaNompumelelo. (2)

KUNYE

ISICATSHULWA B

'Uthe kanti uyindoda kwedini kaNqoza! Inene umntu apha kuwe **angadel' umqulu, iiyadi engazibalanga**,' wamgqabaza watsho uMapheza owawungafika apho edolophini ephengulula amayeza esiNtu athengiswa ezitratweni. Wayefika awabize ngamagama awafunayo afana noozintololwane, oomaphuzi njalo njalo. Walibona liphilile eli cebo likaNqoza, nongumntu awayemdelela.
'Ndingumakad' enetha engenadyasi,' watsho ehleka uNqoza. 'Ndiyakubona Dlangamandla. Masibeke nexesha ke ukuze kubelula ukuyenza le nto,' wangqina watsho uMapheza.
'Unyanisile Fezi, kule ndawo yexesha. Amayeza niwanikwa xesha liphi?'
'Sivamise ukuwafumana ngecala emva kwentsimbi yesixhenxe, emva koko silale, nabongikazi baye egumbini abahlala kulo ebusuku.'
'Kulungile ke, thina masibeke u*nine o'clock*,' wacebisa ngelo uNqoza. 'Lilungile nelo xesha, kwaye nezinye izibane zakuba sele zicinyiwe,' watsho ngovuyo olukhulu uMapheza.
'Nantsi enye into endiyilibalayo Fezi, le nyewe mayaziwe sithi sobabini kuphela kuba umama wakho mhlawumbi angakunqanda kule nto akuyiva. Uyabazi nawe abantu ababhinqileyo ukuba banovalo behleli nje. Ayifanelanga yaziwe nangumntu othandana naye. Kufuneka bona babone sele wenzile kuba baza kuyigalela amanzi into yamaxhwele.' 'Ndakwenjenjalo Dlangamandla,' watsho enqwala intloko uMapheza. Wayevuma nyhani ukuba yena noNqoza badibene ngomba ofuna iintliziyo eziqinileyo zamadoda. Waphuma kweso sibhedlele uNqoza wangqala kuMfuneko eyokumxelela ukuba bathethe bevana noMapheza.

7.8 Chonga kwisicatshulwa ubungqina bokuba uMfezeko umthembile uNqoza. (2)

7.9 Nika intsingiselo yamazwi abhalwe ngqindilili ngokwesicatshulwa. (1)

7.10 Chaza ubuthathaka bukaMfezeko obenze uNqoza amlahlekise. (2)

7.11 Phonononga igalelo lamatyotyombe kubucuphi bukaMapheza. (2)

7.12 Nika umcuphi isilumkiso ngamapolisa afana noNqoza. (2)

7.13 Khankanya udidi lwabantu abafanelwe kukufunda le noveli. Xhasa impendulo yakho. (3)
[25]

UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa

'Nkosi ukuba ndingaphuncula kula makhamandela ndizibone ndingosindileyo inkulu into endingakwenzela yona, igama lakho ndingalibonga njalo.'

Xhasa amazwi kaThole angentla ngokwebali.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE

NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA C

'Xa ithemba lam liwile ngasemfundweni mfo wam bendinqwena ukuba ufune umfazi, ndithi ndisifa ube unendawo yakho.'
'Musa ukuqala ulilahle ithemba bawo. Ngakwicala lomfazi ndifuna ukucela uxolo kuwe bendingekabi nanjongo, nto ndizimisele kuyo kukufeza umnqweno wakho ndiphindele esikolweni.'
Amothusa la mazwi uFikizolo, akazi nokuba makavuye nokuba makathini na, akakholwa nokuba unyanisile na nokuba uyambhanxa, 'Uthini na ngoku Mangaliso?'
'Ndithi ndizimisele ukuphindela esikolweni bawo.'
'Uyinyanisile le nto uyithethayo?'
'Ndiyinyanisile bawo.'
'Njengokuba unyaka sowuphelile nje ucinga indawo uya kuyifumana phi? Khona ingathi sowumdala nje ucinga ukuba wobasafunda into eyiyo?'
'Indawo sendiyifumene. Mayela nobudala, imfundo ayizanga yaba namntu mdala, ngaphezulu ndicinga ukuba ndim oyena mntu oya kufunda into eyiyo kuba sendikhe ndabethwa lilizwe, ndilazi ixabiso lemfundo.'
'Uyifumene phi indawo?'
'EDikeni.'
'Hayi ke mfo wam xa usitsho andimi phambi komsindo wakho, indab' inendodana uyise akanatyala.'
Laba liwa phantsi ke ibhunga labathathu. Wathi akuziphalaza kuNofundile noMaNtuli uFikizolo iindaba zokuba uMangaliso ujonge ukuphindela esikolweni badana kuba babengasalindele ukuba uMangaliso usacinga ngokuya esikolweni, kodwa ke bayeka, baba bafa namthanyana kwinto ababeyicinga.
Kwiveki yesibini kwinyanga yoMqungu wayibopha yancinci uMangaliso esinga eDikeni ...

9.1 Xela unobangela wokuwa kwethemba likaFikizolo ngokwamazwi akhe amalunga nemfundo kaThole. (2)

9.2 Tyhila inkolelo anayo uFikizolo evela kumazwi akhe akwisicatshulwa esingezantsi.

Amothusa la mazwi uFikizolo, akazi nokuba makavuye nokuba makathini na, akakholwa nokuba unyanisile na nokuba uyambhanxa, 'Uthini na ngoku Mangaliso?' (1)

9.3 Khankanya igama lomntu osetyenziswe ebalini ukulibazisa uThole kwikhondo lobufundisi:

9.3.1 Olitshijolo (1)

9.3.2 Nesenzo sakhe (1)

9.4 Xhasa ngokukwisicatshulwa ukuba uThole akakukhethi ukuthatha umfazi. (2)

9.5 Chaza isenzo sikaThole asikrobisa kuso amazwi akhe angezantsi:

'Ndithi ndizimisele ukuphindela esikolweni bawo.' (2)

9.6 Tyhila impixano ephakathi kobomi bobutshijolo nobomi bobufundisi bukaThole kweli bali. (2)

9.7 Ngqina ngebali ukuba uThozama wayemxhasa uThole esikolweni. (2)

KUNYE

ISICATSHULWA D

'Kodwa ke bawo ulumkele ukugqobhoka mhla waya. Uyashumayela laa mfo wasemzini. Ushumayele ngokuhlwa **kwagqobhoka** elinye ityathangubo elinje ngawe lo.'
'Leyo yogqobhoko into ayingekhe yandihlela ke mna, mfo wam. Lelaphi elo tyathangubo?'
'Leli sithi lelakuCentane. Lisebenza eGermiston kwaMaboya.'
Uthe ukuba athethe ngoCentane zaphela iindaba kumfo wasemaKwayini, waphakama wembatha ingubo yakhe, waphuma wahamba. Walala ngobo busuku ezimisele ukuba uza kuya ecaweni kwiveki elandelayo ade ambone lo mfundisi ngawakhe amehlo. Ngayo loo veki lamkhathaza iphupha lakhe lemihla ngemihla awathi waliphupha oko kwathi kwathethwa ngalo mfundisi. Eli phupha lalimkhathaza liphupha awakha waliphupha kwiminyaka ekumashumi amathathu eyadlulayo: Kodwa wayesithi akuliphupha isiganeko sezo ntsuku sibe ngathi sesezolo, avuke ekhathazeke kakhulu.
Yaphela iveki. Kwangobusuku boMgqibelo, ixhego lalala lidibene nabafana labaxelela ukuba bancede bangalishiyi ngengomso xa baya ecaweni. Yabavuyisa kakhulu loo nto abafana. Okunene ngentsasa elandelayo bavuka balungisa baphathelela ecaweni behamba nendoda enkulu. Bafike ngesiqingatha kwintsimbi yeshumi sekunyakazela ngabantu belinde ukuba inkonzo ingene. Kungekudala befikile waphuma umfundisi nenkosikazi yakhe sebenxibe bephelele.
'Nanko ke, baw'umKwayi, umfundisi,' watsho omnye umfana kwababehamba nexhego.
'O-o-o! Nguye lo?' latsho ixhego limondela. Lithe xa liqalayo ukumondela wavakala umfundisi ekhwaza ...

9.8 Chonga kwisicatshulwa ubungqina bokuba kuyababazwa ukushumayela kukaMangaliso. (2)

9.9 Nika intsingiselo yegama elibhalwe ngqindilili ngokwesi sicatshulwa. (1)

9.10 Chaza ubuthathaka bukaThole obenze lula ukuba alibaziseke kubizo lobufundisi. (2)

9.11 Phonononga igalelo leGeorge Goch kwisifundisi ebesibekwe kuyo ngokwale noveli. (2)

9.12 Nika umntu onobizo lobufundisi isilumkiso ngeetshomi ezifana noThemba noSonwabo. (2)

9.13 Khankanya udidi lwabantu abafanelwe kukufunda le noveli. Xhasa impendulo yakho. (3)
[25]

UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule

'NguFriday wonke ke lo. Ukuba kukhe kwenzeka into phaya kumama notata, uya kuyazi into edliwa ligqirha.'

Xhasa amazwi angentla kaMfazwe ngokwebali.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabubengamagama angama-340–390. **[25]**

UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE

UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E

'Yeka ukusongela ngathi ulibhinqa mfondini. Into ebalulekileyo yeyokuba kususwe eli tyholo bazimele ngalo ooFriday nazo zonke ezinye iimpuku namaqaqa afana naye.'
Endaweni yokuba ndibe madolwanzima zezi ndaba, ndasuka ndaba nomsindo kanomfuthwana, ndazivula ndizivala izandla, ndibawela ukukhe ndikhonye kabini kathathu ndixele inkwenkwe efuna umngeni.
UMzolisi waba ngathi uyandibona.
'Kufuneka usebenzise ingqondo, ngaloo ndlela uya kusinda kwiingozi oza kujongana nazo kule hambo yakho. Andikuthembisi mfo kabawo, kuza kuba nzima. Kuyo yonke into eyenzekayo, ungakhe ulinge ubanjwe, zingaze iintshaba nezihina, zikufumane, undimamele?' Ndathula ndathi cwaka, ndacinga ngoFriday. Ngaloo mzuzu yayinguye kuphela utshaba lwam.
Emva kokundomeleza nokundikhuthaza, endikhumbuza ngezimbambathiso zobudoda, ndathi bendimdelela uMzolisi lo, ndaqonda ukuba uvuthelwe ngaphakathi okwendlazi. Wayeyindoda ekwaziyo ukucinga, endigqiba nje ngento yokukwazi ukufunda ingqondo yomnye umntu. Zonke izinto endandizicinga, wayengathi uyazazi.
Emva kokuba endichazele ngendlela elibaluleke ngayo igalelo lam kwidabi lomzabalazo, eyiqale ekuqaleni imbali yomzabalazo ukusukela oko kwathi kwafika umlungu kweli, ethetha ke phofu into endiyaziyo, wangena kweyona ngcombolo ndandisazi ukuba ikukufa nokuphila kum, ukutsiba imida yeli. Akazange ayifihle kum into yokuba, lugqatso lokuqala ekungelula nakancinci ukuluphumelela ngenxa yezabatha eziluqilima zamaBhulu. Athi xa aqalayo ukuwa amathunzi …

11.1 Xela unobangela wokuba uMfazwe asongele uFriday kwisicatshulwa. (2)

11.2 Tyhila inkolelo anayo uMzolisi ngoFriday neqela lakhe evela kumazwi akhe angezantsi.

'Into ebalulekileyo yeyokuba kususwe eli tyholo bazimele ngalo ...' (1)

11.3 Khankanya ngokwebali:

11.3.1 Igama lomntu ojikele uMfazwe ngokomzabalazo (1)

11.3.2 Nesenzo sakhe (1)

11.4 Xhasa ngokukwisicatshulwa ukuba uMfazwe uyahambisana neembono zikaMzolisi. (2)

11.5 Chaza isenzo sikaMfazwe asikrobisa kuso amazwi kaMzolisi angezantsi;

'Andikuthembisi mfo kabawo, kuza kuba nzima.' (2)

11.6 Tyhila impixano ephakathi kwengcinezelo nobuthandazwe kule noveli. (2)

11.7 Ngqina ukuba uMfazwe uyavumelana neengcebiso zikaMzolisi ezimalunga nokutsiba imida. (2)

KUNYE

ISICATSHULWA F

'Ukuba siyakuyeka uhambe wedwa ukuya eMgazi siya kuba asiwazi umsebenzi wethu. Ukuba akubulawanga ngabavukeli bakarhulumente, **uya kusinda ngezikasibi** kumabutho ethu azalise le ngingqi ileli hlathi. Ukuba ayizizo ezi zinto ndizibalayo, akusoze uthubeleze kwizabatha ezizalise eli hlathi ezethu esigcayisele ngazo iintshaba zethu nezotshaba olugcayisele ngazo thina. Uyayibona ke ngoku le ngozi ufuna ukuzifaka kuyo.'
'Hayi, andiyiboni kwaye andisokuze ndiyibone.'
Ndaphendula ndatsho ndiqonda nje mhlophe ukuba andifuni kuthembela kubantu abaphantse ukundibulala.
Emva kokugqugula ixesha elide kunye nempi yakhe ndayekwa ndazihambela. Into endayicelayo kukunikwa umfanekiso-ngqondweni wendlela ekwakufuneka ndihambe ngayo. Wazotywa loo mfanekiso ngamachule okuzoba wada wangumtshiso engqondweni yam. Ndathi ndakuqonda ukuba ndingayihamba ndicimele loo ndlela ndacela indlela.
'Uphambene ke ngoku, kukuthini ukufuna ukuhamba ebusuku apha? Zingekapheli iiyure ezimbini ukusukela ngoku kuza kube kusisithokothoko sobumnyama apha.
Khona, uza kuzithini ezi nyoka zeli hlathi kunye nala marhamncwa alo?'
'Ndifuna ukuhamba, enye nenye ndiya kuyibona phambili.'
'Hayi ke mfo kabawo xa usitsho mandikukhulule uhambe. Siya kuqonda ngobude booxhongo ukuba ngawakho amathambo lawo. Siyathembisa ukuba apho siwafumene khona siya kuwaqokelela ayokungcwatywa kowenu.' Akukho nalinye endalibhekisayo emva koku. Phambi kokuba ndihambe …

11.8 Chonga kwisicatshulwa ubungqina bokuba uMfazwe uxhaswe ngabantu abanamava ngezinto ezenzeka kwabatsiba imida yoMzafrika. (2)

11.9 Nika intsingiselo yamazwi abhalwe ngqindilili ngokwesicatshulwa. (1)

11.10 Chaza ubuthathaka bukaMfazwe obenze ukuba alahlekelwe ngabantu abathandayo kule noveli. (2)

11.11 Phonononga igalelo lokubhaca kubomi bukaMfazwe. (2)

11.12 Nika iqhawe lomzabalazo isilumkiso ngomngcatshi ofana noFriday. (2)

11.13 Khankanya udidi lwabantu abafanelwe kukufunda le noveli. Xhasa impendulo yakho. (3)
[25]

OKANYE

UNCWADI LWEMVELI

UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

'Ngelo xesha amaRharhabe nabaThwa babeyinyoka nesele kungekho usindisa omnye xa bethene nqwakaqha.'

Xhasa ubunyani bala mazwi angentla ugxile kwibali likaGxuluwe nabaThwa kunye nesibongo esithi, Intaba kaNdoda-Intaba yodumo YamaRharhabe.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA G

INTSOMI YEENYAMAKAZANA

Kwathi ke kaloku ngantsomi, yaziinyamakazana zonke, zalima intsimi zemka zaya kuzingela. Zabuya zayihlakuhlakula. Zemka zaya kuzingela kwakhona. Zabuya zisiya kuhlola. Zathi zisekude zabona umsi omkhulu phakathi entsimini. Zahlala phantsi zacinga icebo zaza zagqiba ukuba uMvundla uye kujonga ukuba ngubani lo usentsimini yazo. Uhambile uMvundla ngokuzithemba waza wakhwaza wathi: 'Ungubani na wena ukuloo ntsimi yeenyamakazana zonke; zayilimalima, zayihlakuhlakula zemka zaya kuzingela?' Livakale ilizwi lisithi 'Ndim uMaginy' iinyathi neempondo, ndingasuka nawe Mvundlazana ndikuginye ndingakuhlafunanga.' Wagqotsa kwa oko uMvundla. Zathi iinyamakazana makukhe kuye uMfene. Naye ufike wamemeza wathi:

'Ungubani wena ukuloo ntsimi yeenyamakazana zonke, zayilimalima, zayihlakuhlakula zemka zaya kuzingela?' 'Ndim uMaginy' iinyathi neempondo, ndingakuginya ngoku.' Yagqotsa imfene ukubuyela emva.

Zamana ukuya nganye-nganye zibuye, kwada kwacaca ukuba kushiyeke uFudwazana yedwa. Kwathiwa makukhe kuye yena zabe ezinye zinqanda zisithi kungathi koyiswe zona koobekela phi kooFudwazana abancinci. Wabonakala ezwabuluka ngokuzola zabe ezinye zimsizela zimbuza ukuba uyaphi na kodwa eza kuzenzakalisa nje.

UFudwazana zange amamele warhoqoza wenjenjeya ukuya kuzikhangelela le nto isentsimini yabo. Naye njengezinye wakhwaza wathi: 'Ungubani wena ukuloo ntsimi yeenyamakazana zonke, zayilimalima zayihlakuhlakula zaya kuzingela?' Yaphendula njengesiqhelo yathi: '**Ndingumaginy'iinyathi neempondo nawe lo ndingakuginya ungabonakali.**' Warhoqoza uFudwazana wabheka phambili ezama ukusondela kanye

kule nto. Wathi akuyibona izojela umbona waphinda wakhwaza njengakuqala. Yathi xa iqala ukuphendula njengesiqhelo wakhwela kuyo uFudwazana wayikhama. Kwajijiswana kwayiloo nto wabe uFudwazana engayiyekanga. Yada yafa waba ke uFudwazana uyigqibile edelekile enjalo.

Wathi ukuba abone ukuba uyigqibile waza wacula ingoma yakhe wathi:
'*Mna Fudwazana ndimncinane ndinjalo!*
Ndikwazile ukulubulala utshaba obelugqiba umbona wethu!
Mna Fudwazana ndimncinane ndinjalo!
Ndikwazile ukulubulala utshaba obelugqiba umbona wethu!
Yizani nonke nize kubona isimanga!'

Zabuzana iinyamakazana ukuba uthini na uFudwazana. Zathi ezivileyo uthi ulubulele utshaba. Yekoko ukubaleka zisiya entsimini. Zafika zambulela ngobugorha abubonakalisileyo. Zamncoma zimtyibela ukumthutha oku kuba uzihlangule iinyamakazana.

Ukusukela ngaloo mini wahlonipheka uFudwazana naye phakathi kwezinye izilwanyana kuba yena zange asebenzise zigalo kuba emncinci wasebenzisa ingqondo kuba wasuka wakhwela kulo utshaba walukhama lwafa. Zambamba izandla zimvuma ukuba ube ngoyena unengqondo kunazo zonke, zatsho zilivuma elithi, 'Ungabokuwudela umqulu iiyadi ungazibalanga.' Phela phela ngantsomi.

13.1 Xela unobangela wokuba uMvundla aye kuwujonga ngokuzithemba umsi entsimini ngokwale ntsomi. (2)

13.2 Tyhila inkolelo anayo uMaginy'iinyathi neempondo ngaye ngokwamazwi angezantsi:

'Ndim uMaginy' iinyathi neempondo nawe lo ndingakuginya ungabonakali.' (1)

13.3 Khankanya into ekule ntsomi engaziwayo zizilwanyana:

13.3.1 Eyenza unothanda entsimini yezilwanyana (1)

13.3.2 Nesenzo sayo (1)

13.4 Xhasa ngesicatshulwa ukuba uFudwazana uyadeleleka ngokwale ntsomi. (2)

13.5 Nika imisebenzi emiBINI yengoma eculwa nguFudwazana kule ntsomi. (2)

13.6 Ngqina ngesenzo sezilwanyana ukuba zithabathekile bubugorha bukaFudwazana. (2)

13.7 Tyhila impixano ekwintsomi kaMaginy'iinyathi neempondo. (2)

13.8 Nika umntu isilumkiso ngobungozi bokudelela abanye abantu ezintweni zabo. (2)

KUNYE

ISICATSHULWA H

UKUMKANIKAZI NOLIZWE SANDILE – M Mbambo

1 **A! Nolizwe!**
2 **A! Nolizwe!**
3 Liwasakazi leenkomo zakuloNyawuza.
4 Incokazi kumathol' eenkunzi zasemaMpondweni.
5 NguMalusi wamathol' esirhorho kwaRharhabe.
6 UMval' ovalel' ezimaphece nezimaxhaka.
7 Imvu ebuso bulubisi, amazwi abubusi.
8 Uyavuy' uNolwandle unomolokazana.
9 A! Nolizwe!

10 A! Nolizwe!
11 Umhlaba wakwaRharhab' unamanyala.
12 Ngokwahlul' uNolizwe nomtshato.
13 Ukuz' ashiyek' amaRharhab' engenayise.
14 Isimbonon' esakhuzwa ziintaba zeli lizwe.
15 Kwakhuz' eyeGqirha neyeBhukazana.
16 A! Nolizwe!

17 A! Nolizwe!
18 Nguwongama wokugagamel' amaRharhabe.
19 UMaxway' ibhozo namhl' ungazukudla nyama.
20 Nolizwe siyalez' amathol' ogaga kuwe,
21 Wakukhumbul' isilwangangubo sakuloMbombo.
22 Uz' ubhalel' edolwen' utampishe ngozwane
23 Usayine ngoxhongo iza kubuy' impendulo.
24 A! Nolizwe!
25 Ncincilili!

13.9 Chaza unxulumano oluphakathi kwesihloko sesibongo nokuphindwa kwesikhahlelo, 'A! Nolizwe' ekuqaleni nasekupheleni kwesitanza ngasinye. (2)

13.10 Chonga sonke isigama esinika imvelaphi kaNolizwe ngokwesitanza soku-1. (2)

13.11 Nika intsingiselo yemiqolo ukusuka kowe-12 ukuya kowe-13. (1)

13.12 Ngqina ukuba ngokwesitanza sesi-3 uNolizwe ulithemba kumaRharhabe. (2)

13.13 Khankanya udidi lwabantu abafanelwe kukufunda esi sibongo. Xhasa impendulo yakho. (3)
[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 25

ICANDELO C: IDRAMA

IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukusukela kumbuzo we-14 ukuya kumbuzo we-17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ubemNYE uwuphendule.

QAPHELA: Xa ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).
Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).

UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

BUZANI KUBAWO – WK Tamsanqa

Tyhila iziphumo ezibi zokunganyamezelani ezibekule drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabubengamagama angama-340–390. **[25]**

UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

BUZANI KUBAWO – WK Tamsanqa

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA I

UZWILAKHE:	Yhini na mfo wam! Njengokuba uyolelwe kukutya imitshato yabanye abafana nje, wena iingcinga zakho zingaba ziphi?	
UGUGULETHU:	Mayela?	
UZWILAKHE:	Uyolelwe bobu bomi ukubo bobusoka?	
UGUGULETHU:	Andiyolelwanga.	5
UZWILAKHE:	Into ekunayo?	
UGUGULETHU:	Kaloku mna ndijonge kuni, akukho nto ndinokuyenza de ndive ngani.	
UZWILAKHE:	Awu! Wenzani na mfondini? Umdala kangaka usajonge kuthi? Ndiba sakufunza ngokwaneleyo nje ngesicakathi, usajonge ukufunzwa sithi nangomfazi? Kucaca ukuba siya kukufunza ude uye kulala engcwabeni mfo wam. Uthi siya kubakho?	10
UGUGULETHU:	Asazi ke.	
UZWILAKHE:	Usibona singqengqile nje ke mfo wam silele ebusuku gqitha sithetha ngendaba yakho. Noko thina ngokwethu ukubona besicinga into yokuba ukwixabiso lokuba ube unesandla sokhohlo. Umdala ungaka nje mfo wam. Akusayi kuphinda kuthiwe ungumntwana. Ngaphezu koko ke nonyoko lo mdala, kuyafuneka ukuba abe naye umncedisi	15

	ngekhaya eli, noNozipho ke ngulo sifuna aye emfundweni kulo nyaka uza kuvulelwa. Asazi ke ukuba olwakho uluvo luphi na.	
UGUGULETHU:	Hayi bawo xa kubone nina mna andingemi ngaphambili. Bendisoloko ndijonge kuni kakade.	20
UZWILAKHE:	Kulungile ke mfo wam, ngoMgqibelo ndifuna amaHlubi ahlangane sibonisane ngomcimbi wakho. *(Kungena umntwana ephethe incwadi)*	
UMNTWANA:	Nkqo! Nkqo! Nkqo!	25
UZWILAKHE:	Ngaphakathi. Ewe ntombazana undiphatheleni?	
UMNTWANA:	Uthi usisi mandizise le leta apha kubhuti Gugulethu ivela eposini.	

15.1 Xela ukuba ucinga ntoni uGugulethu malunga nokutshata akubuzayo uyise. (2)

15.2 Chaza umahluko kwindlela uGugulethu noZwilakhe abatolike ngayo amazwi athi, 'Kaloku mna ndijonge kuni'. (2)

15.3 Tyhila ingcinga okuyibethelelayo kuGugulethu ukuphindaphindwa kwegama u'funza' kwesi sicatshulwa. (2)

15.4 Chonga amazwi kaZwilakhe athetha ukuba ukruqukile kukufunza uGugulethu. (2)

15.5 Cacisa ingxaki evela kule drama malunga nentombi emayizekwe. (2)

15.6 Phawula ngendima edlalwe nguNomaMpondomise ekulweleni amalungelo akhe kule drama. (2)

KUNYE

ISICATSHULWA J

UNOMAMPONDOMISE:	… Kodwa namhlanje! Namhlanje! Ndiva yena owayethetha amazwi abuhlungu ebonisa uhlobo andithanda ngalo kusithiwa utshata nantombi yimbi, mna **undishiya ezinkathazweni**. Awu-u-u-u! Awu-u-u-u! *Isiqalekiso masibe phezu kwaso sonke isidalwa esiyindoda*. Gugulethu! Gugulethu ukho na apha?	5
UGUGULETHU:	Ndikho Jola! Ndikho Ngwanya! *(Esukuma)* Bawo! Bawo! Uyaweva na la mazwi? Uyayibona na le nto?	
UNOMAMPONDOMISE:	Gugulethu ndange Hlubi! Ndange undange okokugqibela ukuba ndingasayi kuze ndiphinde ndangiwe mntu uyindoda naphakade ebomini bam. Kum idakile into ebubomi kususela namhla. Ndange Gugulethu! Ndange ugqibelise.	10
UGUGULETHU:	Uxolo Jola, uxolo! *(Emchiliza kancinci)* Andisafanele ukuba ndingasondela kuwe, <u>likhulu isikizi endilenzileyo</u> emhlabeni phantsi, likhulu isikizi endilenzileyo emazulwini phezulu, andisafanelwe kujongelwa lutho ngumthinjana weAfrika, andisafanelwe kujongelwa lutho kwanangumlisela. Sonke isidalwa esinengqondo kususela namhlanje masindijongele	15

	phantsi. Kodwa nina nonke nikhoyo kule nkundla buzani umbuzo nithi, kwenzekeni na ngoku? Bekutheni na kuqala? Ndoniphendula ndithi, 'Buzani kubawo.' Bawo! Bawo! Uyawabona na la masikizi? Kowu undenzile! Walenza nesikizi.	20
UNOMAMPONDOMISE:	Gugulethu! Gugulethu, nceda ndange Hlubi.	
UGUGULETHU:	Uxolo! Uxolo sithandwa.	25
UMANTYI:	Gugulethu mange.	
UNOMAMPONDOMISE:	Gugulethu ndange sithandwa! Ndange undikhulule. *(Esondela kuye emwola ngezandla*, *ejonge kuyise nonina)* Bawo! Bawo kodwa undixolele na?	
ULANGENI:	Ndikuxolele Jola.	30
UNOMAMPONDOMISE:	Usale kakuhle Jola ungakhathazeki ziindaba owothi uzive emva koku.	

15.7 Khankanya zibeMBINI iinkathazo azibona eshiywa kuzo nguGugulethu uNomaMpondomise. (2)

15.8 Ingaba sehla isiqalekiso esingezantsi kuGugulethu ngokolwazi lwakho lwebali? Xhasa impendulo yakho:

'Isiqalekiso masibe phezu kwaso sonke isidalwa esiyindoda.' (2)

15.9 Nika umsebenzi wezalathisi zeqonga ngokwesi sicatshulwa. (1)

15.10 Ngqina ngesizathu esikule drama ukuba uGugulethu uyaqhankqalaza ngala mazwi angezantsi.

'Buzani kubawo.' (2)

15.11 Chaza ukuba amazwi akrwelelwe umgca ngaphantsi asiveza njengomlinganiswa onjani isithethi. Xhasa impendulo yakho. (2)

15.12 Chasa okanye uxhase ukuchaneka kwamazwi kaGugulethu angezantsi ngokuzisola kwakhe:

'Sonke isidalwa esinengqondo kususela namhlanje masindijongele phantsi.' (2)

15.13 Phawula ngesenzo sikaNomaMpondomise sokumanga uGugulethu. (2)
[25]

UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

Tyhila iziphumo ezihle nezibi zamacebo okulwa indlala akhethiweyo kule drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA K

DLEZINYE:	Aa Magrazula! Thole lesilo, lisisilo ngokwalo! Yinyaniso leyo Mhlekazi. Yinyaniso emsulwa leyo.	
MAGRAZULA:	Makusetyenzwe ke ngoku Dlezinye. Ishishini likaMagrazula malibuyele emgangathweni walo wangaphambili.	
DLEZINYE:	Thole lesilo, lisisilo ngokwalo! Ndiyakuva mna Nkosi yam. Mna ndisisicaka seNkosi yam esithembekileyo nje, ndiya kwenza loo nto iNkosi yam ithi mandenze yona.	5
MAGRAZULA:	Nantso ke into efunwa nguMagrazula kwisicaka sakhe: intembeko, ukuzithoba, ukululama nokukhuthala.	
DLEZINYE:	Ndabezitha! Akukho nalunye uphawu endisilelayo ngalo kwezi uzibalayo.	10
MAGRAZULA:	Phulaphula ke Dlezinye.	
DLEZINYE:	Mhlekazi!	
MAGRAZULA:	Kule ntlanganiso ibiseThekwini, sifikelele kwizigqibo zokuba sikhe siziyeke iintloko ezi kuba zisuke zanomjojo omninzi. Siza kukhe sisebenze ngeentsana ngoku.	15
DLEZINYE:	Thole leduna!	
MAGRAZULA:	Sifikelele kwezo zigqibo ke kuba sicinga ukuba iintsana ziza kufumaneka lula kuneentloko.	
DLEZINYE:	Umdala Magrazula! Awuyontanga yabantwana!	20
MAGRAZULA:	Zaye ke iintsana ziya kuthwaleka lula kuneentloko. Kaloku akukho mntu unokukukrokrela xa uzibelekele usana lwakho.	
DLEZINYE:	Ingathi uhlabe ukhangele Mhlekazi.	
MAGRAZULA:	Ingxakana nje esinayo yile yokuba, kuza kufuneka sisebenzise abafazi, izinto ezingenasibindi ke ezo, kuba kaloku indoda ebeleke usana iya kusuka idule okwebhokhwe emhlophe ehlungwini.	25
DLEZINYE:	Ndifuna nje ukukulungisa kule ndawo yabafazi nezibindi Mhlekazi. Abafazi banezibindi ukufa, nto nje abafuni ukuba iqondwe loo nto.	
MAGRAZULA:	Nto endiyifunayo ke ngoku Dlezinye kukuba uye kundifunela aba bafazi ...	30

17.1 Xela ukuba usisilo njani uMagrazula ngokokunconywa kwakhe nguDlezinye. (2)

17.2 Chaza umahluko kwindlela uSiqhiwu noMamQhinebe abasombulula ngayo ingxaki yendlala kule drama. (2)

17.3 Tyhila ingcinga okuyibethelelayo ukuphinda kukaDlezinye amagama, 'Nkosi yam ...' 'Mhlekazi ...' xa abhekisa kuMagrazula. (2)

17.4 Chonga amazwi kaDlezinye athetha ukuba wonelisekile yindlela athetha ngayo uMagrazula. (2)

17.5 Cacisa ingxaki evela kule drama ngenxa yokwahluka kwamacebo okufuna ukubanemali. (2)

17.6 Phawula ngendima edlalwe nguMagrazula ukuxhaphaza amahlwempu kule drama. (2)

KUNYE

ISICATSHULWA L

MAMQHINEBE:	Hayi ke kucacile ukuba lo **msebenzi wethu usikelelekile** xa icebo lisuka nje lifumaneke lula ngolu hlobo. Hayi Gatyeni ndikothulela umnqwazi.	
MAGATYENI:	Masitsho sisiya ke mfazi, kukude kwa*Link*, ibe ilanga eli lona alilindanga thina.	5
MAMQHINEBE:	*(Behamba endleleni.)* Kukho nale nto yala maphepha angathi aza kusimisa kakubi ndijongile nje.	
MAGATYENI:	Ewe, unyanisile Qhinebe. Kaloku ngoku siza kufika abadlezana sele belaqaza, belindele amanesi omgunyathi axelwe ngala maphepha.	
MAMQHINEBE:	Baya kukhe bancame ke, kuba kaloku nathi asizozibhanxa. Asizi kuphinda sizenze amanesi ngoku.	10
MAGATYENI:	Ibe siza kubachula *maan.* Lo siya kuye umntwana, siza kumthatha empelesini. Unina yena uphangele kaloku.	
MAMQHINEBE:	<u>Into engazi kwenzeka yona yeyokuba silambe iintsana zikho</u>.	
MAGATYENI:	Unotshe!	15
MAMQHINEBE:	Yhe wethu! Uphi na ntombi ndigezelwa nguSiqhiwu izolo?	
MAGATYENI:	Ukugezela ngelithini na ngoku uSiqhiwu Qhinebe engumntwana olunge kangaka nje?	
MAMQHINEBE:	Akandifundeli obu bubhanxa bephepha kaloku? Ade andifundekele ngelithi ibuhlungu le nto yehlele olu sapho lwakwaMagade?	20
MAGATYENI:	Uthini na ngoku Qhinebe? Kanti nawe wehlelwe yile nto indehlele kweliya khaya?	
MAMQHINEBE:	Nawe na? Hayi libulawo!	
MAGATYENI:	Kaloku sisusene kwaqhum' uthuli noSiphokazi esandifundekela ngokundifundela elo phephandaba.	25
MAMQHINEBE:	Hayi ke ngoku uyandahlula. Uthe khona ukuba afike kule ndawo ithi 'amanesi omgunyathi' uSiqhiwu, ndaphambana ipeni yanye.	

17.7 Khankanya abeMIBINI amacebo okuzisusa endlaleni abazibone bewenza uMamQhinebe noMaGatyeni ngokwale drama. (2)

17.8 Ingaba wathi kanti usikelelekile umsebenzi kaMamQhinebe noMaGatyeni ngokolwazi lwakho lwebali? Xhasa impendulo yakho. (2)

17.9 Nika umsebenzi wezalathisi zeqonga ngokwesi sicatshulwa. (1)

17.10 Ngqina ngesizathu esikule drama ukuba uMamQhinebe noMaGatyeni bayaphazama ngala mazwi angezantsi.

'... kaloku nathi asizozibhanxa ... Ibe siza kubachula *maan.*' (2)

17.11 Chaza ukuba amazwi akrwelelwe umgca ngaphantsi asiveza njengomlinganiswa onjani isithethi. Xhasa impendulo yakho. (2)

17.12 Chasa okanye uxhase ukuchaneka koluvo oluthi uyageza uSiqhiwu ngokwesi sicatshulwa. (2)

17.13 Phawula ngokujoyina kukaMaGatyeni uMamQhinebe kubiwo lweentsana. (2)
[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80